Ibhayibhile yeyabana
Ukhuyazisi



IZulu
likhaya
elihle
likaThixo

Ukhubalwa ngu: Edward Hughes

Ukhuyaziswi ngu: Lazarus; Alastair Paterson

Yethathwa ngu: Sarah S.

Ukhuchenchwela ngu: Thandeka Williams

Yeenzwa ngu: Bible for Children
www.M1914.org

©2020 Bible for Children, Inc.
ISIZIBISO: Unga bala lento khodwa
aufaneli ukhuthengisa.

Xa uYesu wayephila emhlabeni wabaxelela abafundi bakhe ngeZulu. Wayelibiza ngokuba "YINDLU KABAWO" Wathi zininzi



indawo zokuhlala.

Iphomakazi ke yindlu entle enkulu. IZulu yindawo entle kahulu kunazo zone izinto zalapha emhlabeni.



UYesu wathi “Ndiyzakuhamba ndiyokunilungiselela indawo.



Ukuba ndihambile
ndayokunilungiselela indawo,
Ndiyakubuya kwakhona
ndinamkelele
kum.”



UYesu wayaneZulwini, emveni kokuvuka kwakhekwelabafleyo. Wafukulwa lilifu abafundi bakhe bebukele wasithela kubo.



Emveni koko iKrisimesi sisikhumbuzo uYesu awasenzayo sokuba uyakubuya azokubalanda. uYesu wathi uyakubuya ngephanyazo



engalindelwanga.

Kodwa kuthiwani ngalo maKrestu afe engekabuyi. Ibhayibhile ithi bona bayakuba noYesu. Ukunabikho semzimbeni kukunye noBawo.



IZityhilelo incwadi yokogqibela eBhayibhileni, isixelela ngobuhle beZulu.



Eyonanto intle ngolona hlobo.
iZulu likhaya lika Thixo. UThixo
ukwindawo zonke kodwa
iTrone yakhe
iseZulwini.



Iingelosi nezinye iziqu zazeZulwini zidumisa uThixo emazulwini. Nabobonke abntu bakaThixo abafayo baya eZulwini.

Bacula bedumiisa uThixo ngengoma ezikhethekileyo.

Nanga amazwi enye ingoma abayiculayo. UFANELWE KUBA WASIHLAWULELA NGEGAZI LAKHO ...



… WASIKHUPHA KUZO ZONKE IINTLANGA NASEZIZWENI WASENZA …

… OOKUMKAZI NABAPRISTI KUTHIXO WETHU.

Awokugqibela amaphepha eBhayibhile alichaza “iZulu njengeJerusalem entsha”.



Iindonga zenziwe ngelityе elinqabileyo elibengezelayo.



Amajikazi namatye amahle anqabileyo ogqume umgangatho eludongeni etsho ngemibala emihle.

Ilelo isangolenziwe



ngeperile ezinkulu kakhulu!

Iingcango ezinkulu zeperile azivalwa.
Masihambeni siyokubona WOW!
IZulu lihle ngakumbi ngaphakathi.



Izsixeko senziwe ngegolide
esulungekileyo njengeglasi.
Nezitalato zenziwe ngegolide.



Umlambo omhle osulungekileyo wobomi ompompoza usuka eTroneni kaThixo. Kumacala omabini omlambo kukho umthi wobomi, owasungulwa emyezweni eEden.



Lo Mthi wobom ubaluleke kakhulu. Uthwala iziqhamo ezilishumi elinambini, ngazo zonke inyanga luhlobo olwahlukileyo nyanga nganye.



Amagqabi awo loMthi wobomi ngawokuphilisa iintlanga.



IZulu alifuni langa okanye inyanga ukukhanyisa. Akukho busuku khona.



Nezilwanyana eZulwini zinomohluko.
Zilulamile kwaye zinobubele.



Ingcuka namaxhwane atya ingca ndawonye Kwaye neengonyama ezinamandla zitya ingca njengenkomo.



UThixo uthi “Azinakulimaza ziyonakalise intaba Yam engcwele”.



Xa sijonga, siqwalasela ukuba kukho izinto ezingekhoyo eZulwini. Akukho mazwi anomsindo ongaweva.

Akukho mnto ulwayo okanye owenza izinto zimbi. Akukho zitshixo eminyango.

Kuba akukho masela eZulwini.
Akukho maxoki, babulali maxhwele.



Nabantu abangalunganga. Akukho sono eZulwini.

EZulwini no Thixo
akukho zinyembezi.
Ngamanye
amaxesha abantu
bakaThxo
bakhaliswa lusizi
olukhulu kobubomi.
EZulwini uThixo
uyazosula
iinyembezi.

Akukho nokufa ezulwini. Abantu bakaThixo bayakuphila ngonaphakade bayakuhlala noThixo ngonaphakade. Akukho lusizi nakukhala, nazintlungu.



Akukho kugula akohlukwana akukho mingcwabo. EZulwini wonke umntu wonwabile ngonaphakade kunye noThixo.



Ubumnandi beZulu yeyabafana namantombazana (kuye nabakhulu) abo babekholelwa kuYesu Krestu njengoMsindisi baza bamthobela njengeNkosi.



EZulwini kukho imcwadi ekuthiwa
Yincwadi yoBomi yehxwane.
Igcwele amagama abantu.



Ngabe uyawazi na lamagama abhalwe phaya. Apha wonke umntu obetha ithemba lakhe kuYesu.
Ingaba likhona
elakho
igama?



Amazwi okugqibela eBhayibhile ngeZulu asisimemo esihle.

“UMoya oyigcwele nomakoti bath ‘Yiza!’ lowo uvayo athi ‘Yiza!’ Nalowo unxaniweyo makeze.

Lowo unqwenayo asele amanzi obomi ngokukhululeka."

IZulu likhaya elihle likaThixo

Ibali elisuka emzwini aka thixo,
eliyiBhaibhile

Ifumaneka ku

UYohane 14,
2 AbasekORINTE 5,
IZITYHILELO 4, 21, 22

“Ukutyhilwa kwamazwi akho, Kuyakhanyisa.”
Indumiso 119:130

ISIPHELO

Eli bali le Bhayibhile lisixelela ngobuhle bukaThixo wethu osidalileyo wafuna ukuba umazi Yena.

UThixo uyayazi ukuba senze izinto ezimbi, azibiza ngokuba sisono. Umvuzo wesono kukufa, kodwa uThixo uyakuthanda kangangokuba uthumele unyana wakhe okuphela kwakhe uYesu, ukuba afe emnqamlezweni ohlwaywe ngezono zethu. UYesu wavuka ekufeni wabuya wenyukela emazulwini! Ukuba uyakholwa kuYesu umcela akuba akuxolele izono zakho, uyakuza ahlale kuwe ngoku, uyakuhlala kuye ngona phakade.

Ukuba uyakholwa ukuba
le yinyaniso, yithi kuThixo:

Nkosi Yesu, ndiyakholwa ukuba unguThixo, kwaye weza wabangumntu ukufela amatyala am, wabuye waphila kwakhona. Nceda ungene ebomin bam undixolele izono zam, ukuze ndibenobomi obutsha, ukuze ngenye imini ndihambe ndiyokuba nawe ngonaphakade. Ndincede ndinguthobele zendiphilele wena njengomntwana wakho. Amen.

Funda iBhayibhile uthethe noThixo
yonke imihla! John 3:16